education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

PREPARATORY EXAMINATION 2008

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amathathu, ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30 amanqaku)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10 amanqaku)
ICANDELO C:	Usetyenziso lolwimi	(30 amanqaku)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

6. Landela imiyalelo ngocoselelo.

7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

NGAMABHINQA NGOKU AKHOKELAYO

WATHINT'BAFAZI, wathint'imbokodo. Loo ntetho yayithandwa ngeminyaka yocalucalulo yaye yayibethelela indima ebalulekileyo eyayidlalwa ngamabhinqa emzabalazweni wenkululeko. Kaloku amabhinqa ayengundoqo wesizwe sethu esiwa evuka ukukhulisa iintsapho zawo phantsi kwengcinezelo.

Nangoku sisatsala nzima nangona sele yafunyanwayo inkululeko. Oko kuboniswa kukuba likhulu kwenani lamabhinqa adlwengulwayo naphethwe gadalala emakhaya. Kunjalo nje oko akwenzeki kweli lizwe kuphela. Amabhinqa athwele nzima kulo lonke ilizwe laseAfrika. Abhuqwa yindlala nobuhlwempu. Akananto angayenza ebona oonyana nabayeni bawo bebhubha kwiimfazwe nakulwaphulo-mthetho. Xa kungenjalo ajongana nokuphathwa gadalala wona emakhaya.

Phofu ke likho ithemba kuba ngoku ngathi iya iphela ingcinezelo yamadoda. Loo ntlantsi yethemba ibonakele kwilizwe laseLiberia. Kufanele kubhiyozwe kwaye kulindwe lukhulu kubeko ngokusemthethweni kukaEllen Johnson-Sirleaf njengomongameli wokuqala wasetyhini welizwe laseAfrika. Zinkulu iinguqu ezilindelweyo kwilizwe lase-Liberia kwaye ziya kuchaphazela ilizwekazi laseAfrika liphela. Eli lizwe lisaza kuba lilizwe elingazinzanga, ekuyingozi ukuhlala kulo kodwa nokuba urhulumente walo uyabhukuqwa njengokuba kuyinto eqhelekileyo eAfrika, imbali yona iyakuba yenzekile.

Ngubani obengacinga ukuba le mbali ingenzeka eLiberia? Eli lizwe lasekwa ngamakhoboka akhululwa eMelika ngowe-1820 kwaye liphakathi kwamazwe asentshona yeAfrika ekuyiSierra Leone, i-Ivory Coast neGuinea, kwaye lelinye lamazwe angamahlwempu. Unyulo lukaOktobha 2005 lwaphunyelelwa nguJohnson-Sirleaf kwaye bekulunyulo lokuqala eLiberia 'olukhululekileyo nolungenamkhethe' emva kweminyaka eli-14 yemfazwe yobukhaya. Bangaphezulu kwama-200 000 abantu ababulawa kuloo mfazwe.

Akukho manzi acocekileyo eMonrovia okanye naphi na eLiberia. Akukho mbane, akukho minxeba yasezindlwini ukanti azikho nezindlu zangasese ezigungxulwayo. ILiberia ibingelolizwe ekungalindelwa kulo 'ukuvuselelwa kweAfrika' ngokukhawuleza. Akukho mntu ubengalindela ukuba iLiberia ingaphala phambili ekulweleni ukulingana kwamadoda nabasetyhini …

Kulonyulo obelungoOktobha 2005 wayekhuphisana noGeorge Weah owayengumdlali webhola. Kodwa amabhinqa aseLiberia ayedikiwe yimfazwe, ebesazi ukuba afuna ukukhokelwa ngubani. Oko bekuboniswa nakukuba ebemaninzi amabhinqa abhalisele ukuvota kunamadoda. Amabhinqa aseLiberia ebefun'iinguqu zokwenene! Imikhwazo ethi, "U-Ellen ngoyena simfunayo!" ubuyiva naphi na apho akhoyo. Phofu ke ebekho amadoda amxhasayo. "Andikhathali nokuba kungaphatha indoda na okanye ibhinqa, qha ndifuna ibe ngumntu olithanda ngenene eli lizwe," yatsho eny'indoda …

[*BONA,* Epreli 2006, amaphepha 16 – 18]

IMIBUZO:

1.1.1 Ubaluleke ngantoni uEllen Johnson-Sirleaf ngokwesicatshulwa esi? (1)

1.1.2 Kwilizwe ngalinye elikhululekileyo kufanele ukuba kukho iinkonzo ezisisiseko azifumanayo ummi ngamnye. Xela inkonzo ibenye esisiseko esilelayo kwilizwe laseLiberia. (1)

1.1.3 Kule ntetho ithi, "wathint'abafazi, wathint'imbokodo" unxulunyaniswa njani umfazi nembokodo? (2)

1.1.4 Caphula ibinzana elibonisa ukuba:

(a) Ulonyulo lwaseLiberia lwahamba ngaphandle kwamagingxi-gingxi. (1)
(b) Abantu basetyhini babephethwe kakubi emakhaya. (1)

1.1.5 Chonga amagama asetyenziswe ngumbhali abonisa uchasaniso kumhlathi wokuqala. Uphuhlisa ntoni umbhali ngolu chasaniso? (2)

1.1.6 Umbhali uthi, "amabhinqa athwele ubunzima kulo lonke ilizwe laseAfrika." Ingaba ngokolwakho uluvo amabhinqa aseMzantsi Afrika athwele nzima nawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Kha ucacise intsingiselo eziswa ngala magama ngokubhekisele kwezopolitiko ngokwesicatshulwa.

(a) Umzabalazo (1)
(b) Ingcinezelo (1)

1.1.8 Ucalucalulo lunokuthetha izinto ezininzi. Xela ukuba kuthethwa ngaluphi na ucalucalulo apha kwisicatshulwa, kukho:

A Emgidini ucalucalulo lolokwahlula ngokwamaqela/ngokwezizwe ukuze kukhutshwe iimfanelo ngokufanelekileyo.
B Ukwahlula ngokwesini ukuze banyityelwe iimfanelo zabo.
C A no B (1)

1.1.9 Igama 'ukuphala' elisetyenziswe kumhlathi wesi-5 linokuthetha:

A Ukuphala kwehashe
B Ukukrwela
C Ukuhambela phambili (1)

1.1.10 Ucinga ukuba yintoni eyabangela ukuba uEllen aluphumelele ulonyulo lwaseLiberia? (2)

1.1.11 Esi sicatshulwa sibhalwe ngomnyaka we -

A 1820
B 2006
C 2005 (1)

1.2 Kusemva kwemini kwifektri yokwenza iimoto eTinarha, uGatyeni noZikod babile bathe
ntsi bewuphethe umsebenzi wokunyibilikisa isinyithi. Kuthi qatha kuGatyeni int yokuba abafazi ababili kangako bona xa besebenza.

UGATYENI: He Zikode! Kutheni ingathi abafazi bathathelwa phezulu nje kulo Mzantsi Afrika.

UZIKODE: Utsho njani Gatyeni? Bathathelwe phezulu ngoobani? Njani?

UGATYENI: Ukuba ujongile abafazi baxhamla amathuba amaninzi nangcono omsebenzi kunathi. Baxabisekile kulo Rhulumente ngaphezu kwethu. Jonga iiholide ezithile zithiywe ngabo, kanti ke sekunjalo bakwizikhundla zolawulo eziphezulu.

UZIKODE: Ndijonge lo kracaza uqhutywa ngulo mfazi uyimanejala apha. Soze ndibe nayo enjeya nangona isenziwa sithi.

UGATYENI: Ubona nje kudala ndiyijongile le nto yaba bafazi, baphethe khona ngoku. Andiyithandi nale nto yalo Rhulumente obaphethe okwamaqanda abafazi kuba ekhusele la malungelo maninzi abo.

UZIKODE: Uqala ekhaya umfazi athethe, enze unothanda, kanti xa uthatha umfazi sukuba uzilungiselela, ujonge umntu wokukucebisa nokukwakha ingekuko ukukuphatha.

UGATYENI: Unyanisile! Yiyo le nto abantwana bethu bengeva. Abafazi bayekile ukuhlala emakhaya bakhulise abantwana, bayaphangela kuba kaloku bafundile. Abakuthethayo kuviwa nangamadoda amenyezelisa iimpandla kwezi ndawo baphethe kuzo.

UZIKODE: Uthini ngezi ntsuku zibekelwe bucala zibizwa ngabo bodwa? Kunini sibulaleka thina emigodini nakwezi fektri sisamkela imali encinane kodwa sikwazi ukondla iintsapho zethu. Olo lukhoyo lubizwa ngathi kusithiwa loloota aluyoholide ukuze nathi siyive, sifumane nethuba lokuba sithi khebevu emakhaya.

UGATYENI: Ndisizela oonyana bethu kuba abasoze bakwazi ukulawula emizini yabo. Ababo abafazi bafunde gqitha, banamashishini yaye banemali. Baqhuba iimoto zamaxabiso eli xa bona beqhuba izikorokoro ezityhalwayo.

UZIKODE: Unyanisile Gatyeni, kaloku xa ungenamali uyanyanzeleka ukuba ucenge. Ugeza xa kulapho ke umfazi, ungenakho nokumbonisa ke ukuba uyindoda kuba uya kuzibona sele ukwesimnyama isisele.

UGATYENI: Loo nto ke ungagxothwa nakuloo ndlu yakho yebhongo kodwa uyayihlawula, uhlawule nesondlo ngokunjalo.

UZIKODE: Asiyiyo ke ingcinezelo leyo? Kucacile kona ukuba lo hulumente akawase so amalungelo amadoda. Kufanele ukuba yilandele le ndawo kungekonakali.

UGATYENI: Kukho intetho ethi, "wathint'abafazi, wathint'imbokodo". Ukuba ufuna ukuphumelela kule mihla kushishino lwakho, dibana omfazi uzimele ngaye wena. Ukuba wenze njalo uya uphumelela qho nakwiziniki-maxabiso.

UZIKODE: Seliphela neli xesha lethu; kucacile bona abafazi batsala mikhala nkalo zonke; emisebenzini, ezinkonzweni, kwezemidlalo kwanasebuRhulumenteni.

UGATYENI: Nale nto yokusoloko siphithizeliswa ngumfazi ongenalusini, kumele ukuba umyeni wakhe uyangcungcutheka.

UZIKODE: Kodwa ke uyaqonda Gatyeni ukuba xa lo mfazi engekho akukho nto iqhubekayo, umsebenzi uyema ngxi?

UGATYENI: He-e! Amadoda ngamavila Zikode. Usakhumbula ezaa zipho zazinikwa abagqwesileyo apha emsebenzini zawolwa ngabafazi? Kunani enye yona indoda? Nemali yokufunda ekhutshwa apha efektri minyaka le yafunyanwa yilaa ntwazana igqadazayo, ifikayo apha. Bakhuthele qha abafazi, wofika nasemakhaya ebeleke umntwana, ehlamba impahla lo gama intyontya nembiza eziko. Thina ke iyasoyisa loo nto.

UZIKODE: Kowu-u! Nanko lo mfazi uza kusiphehluzelisa. Ndisatsiba kule ndlwana incinci. (*Bohlukana*)

IMIBUZO:

1.2.1 Anika umfanekiso-ntelekelelo wantoni la magama alandelayo?

(a) Ukracaza
(b) Isikorokoro (2)

1.2.2 Ngokwendlela asetyenziswe ngayo kwisicatshulwa la magama abuzwe KUMBUZO 1.2.1, singathi aphuhlisa yiphi intsingiselo. (2)

1.2.3 Kukho uluvo oluthi ABAFAZI NGAMANDLA/BANAMANDLA. Uyalungqina olu luvo? Zixhase. (3)

1.2.4 Ingaba ngokolwazi lwakho yinyani/asiyonyani le ntetho:

Abantu abangamadoda ngamavila. Zixhase. (3)

1.2.5 Uthetha ukuthini uGatyeni xa esithi, "abafazi baphethwe okwamaqanda nguRhulumente?" (1)

1.2.6 Injongo kaZikode yokuthabatha umfazi ibonisa ntoni ngomfazi kwinkcubeko yamaXhosa? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa uqwalasele nemifanekiso elandelayo wakugqiba usishwankathele.

Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Shwankathela ngokusebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ukhetha iingongoma eziphambili uzicwangcwisa izimvo ngendlela ehambelanayo. (4)
2. Sebenzisa awakho amazwi ungawulahli umxholo. (3)
3. Shwankathela ungadluli kumagama angama-60 ukuya kuma-70. (1)
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesicatshulwa. (1)
5. Umsebenzi wakho mawucoceke. (1)

IINKOLO NAMASIKO

Inkolo yobuKristu ebantwini yeyona ingundoqo kwintlalo yabantu, ngakumbi apha e-Afrika, ikho inkolo yobuRasta, amaSilamsi, amaHindu nezinye iinkolo, kodwa nayiphi na inkolo ingundoqo ekuphuhliseni nasekulawuleni imiphefumlo yabantu, kuba xa umntu esiya nakuyiphi na inkonzo sukuba esiya kondla umphefumlo wakhe.

Inkolo yiyo edibanisa iintlanga ngeentlanga, kunjalo nje ezinye iinkolo zizo ezizizixhobo zokukhulisa imeko yezoqoqosho nezimali kubantu bazo. Umzekelo, inkolo yobuSilamsi neyamaJuda. Kulisiko lale nkolo ukuba kujongwe imeko yezoqoqosho, kungoko inkonzo yabo ixubene nokukhulisa uhlanga lwabo kwezoqoqosho kunye namasiko nezithethe zabo.

UmAfrika wokwenene ngulowo uya kuthi azikhulise ekhulisa isizwe sakhe ngokwasemoyeni, amasiko nezithethe, kwezoqoqosho nangenzame zokwakha i-Afrika nokubuyisela isidima se-Afrika. Ngulowo uya kuthi ahloniphe amasiko eentlanga zeli, akhulise ulwimi ngenjongo yokuphuhlisa ubumi bobu-Afrika.

Iingxaki ngeenkolo ezikhoyo kweli, zijongana nokondla umphefumlo kuphela, ukanti intlalo yoluntu nayo iya kufuna ukuqwalaselwa ukuze abantu bazimele bangaxhomekeki mntwini. Ngelishwa kwixesha esiphila kulo, sijongene nenkqubo apho oongxowa-nkulu nabanye abantu abanemali bejongene nokunyusa iingxowa - mali zabo kuphela. Le nkqubo ayizi noncedo kubantu abahlwempuzekileyo koko idala intlupheko. Le nkqubo ixhibe ukohlutha imihlaba, izimbiwa, ixhwaye ulwazi lwengeniso ecalanye elawulwa lilithe lokuzuza imali kwabambalwa lo gama uninzi luhlupheka.

Ngamanye amaxesha le nkqubo izalisa iingxowa zabo kuphela lo gama abantu betshabalala yintlupheko, ngakumbi kweli lase-Afrika, ukuze idale imeko yoxhomekeko, ibe ngathi kuncedwa abantu base-Afrika abafa yindlala.

Inkolo nokuba yiyiphi na mayiphucule umgangatho wabantu, inkolo mayixhibe ukwakha abantu kumasiko nezithethe, angajongelwa phantsi. Inkolo mayidilize ubucaka imisele ukuzithemba nokuzakha ebantwini, ukanti inkolo mayingayijongeli phantsi enye inkolo. Makungabikho nkolo ifuna ukulawula yona ze kubekho uxinzelelo kwabanye abantu, inkolo umsebenzi wayo kukondla imiphefumlo, ibonise ukuxabiseka, ukuzingca nokuzithemba kwesizwe.

Ibuyambo ngenene kukuzingca ngamasiko nezithethe iinkolo zelizwe lethu kunye nokwakha uluntu lweAfrika luphela.

[*Iselwa Lesizwe*; *New Afrika Education*: 2006, iphepha 123 – 124, T Yawa nabanye]





AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 Yonwabela lo mhlathana uze unike intsingiselo yamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwesivakalisi asetyenziswe kuso.

Kubalulekile ukuba ube neliso ebantwaneni bakho xa ungumzalikazi ukuze ungaqabuki sekophulwe. Ndisitsho nje unyana wam ubuye iliso lilila izolo; kwazi bani? Umntu yinkosi ukuzazi. Andithi kaloku naxa utyala iitapile egadini iliso eli kunyanzelekile ukuba libe phezulu ukuze lintshule. (3)

3.2 Bhala esi sivakalisi ngokutsha usiqale njengoko usibonisiwe kumagama abhalwe ngqindilili ngezantsi:

"Mna andiyithandi into yokuthotywa kwesidima sam ngumfazi," utshilo uGatyeni.

UGatyeni uthe: … (3)
[6]

UMBUZO 4

Fundisisa le ndlela yokupheka esi sityu segusha, uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISITYU SENYAMA YEGUSHA

Fudumeza ioyile epanini, uqhotse itswele.
Galela inyama uyiqhotse kakuhle.
Zamisela phakathi amagaqa estock, amanzi, icurry powder nebarbecue spice.
Vala upheke iiyure zibe-2 okanye ide inyama ithambe.
Galel'iitumato ezimbini, uqhubeke nokupheka.
Ungavimb' umakhulu esifa ngamehlo.

4.1 Lungisa isiphene kwigama ioyile. (1)

4.2 Isakhi u-nga-esikrwelelweyo sinokuthetha:

A Ukulandula
B Ukungathiza
C A no B (1)

4.3 Ngokwendlela elisetyenziswe ngayo igama u-iiyure kule resiphi, ingaba lizisa yiphi intsingiselo? (1)

4.4 Isenzi u-fudumeza ukuluphi uhlobo? (1)

4.5 Igama u-phakathi libonisa ntoni kwisivakalisi elisetyenziswe kuso? (1)
[5]

UMBUZO 5

5.1 Fundisisa esi sivakalisi silandelayo, usihlele, usilungise ukuze sibe sisivakalisi esinentsingiselo evakalayo.

Kumakhaya amaninzi enze yonke into ekhaya ahambe aye kuphangela ukuba umfazi wayo indoda isalindele aze aphinde (3)

5.2 Izimaphambili nezimamva ezihlonyelwa kwiingcambu zamagama zinefuthe lokuyiguqu-guqula intsingiselo. Makhe siqwalasele amagama abhalwe ngqindilili kwizivakalisi ezilandelayo uze unike intsingiselo yawo.

Kaloku **umfundi** ufanele ukuba akwazi **ukufunda isifundo** sesiXhosa ngendlela eyiyo; asiqonde, akwazi nokuzenzela ngokwakhe, ngolo hlobo abe uyifumene **imfundo.** (4)
[7]

UMBUZO 6

6.1 Kukho izenzi ezingakwaziyo ukuthabatha iinjongosenzi ezimbini zikwimo yentsusa. Kuthi ngenxa yoncedo lwezimamva ezithile ezi zenzi nazo zikwazi ukuthabatha iinjongosenzi ezimbini. Sebenzisa ezi zenzi zilandelayo ke wena kunye nezimamva u – **is** – no – **el** – zihambe neenjongosenzi ezimbini. Krwela umgca phantsi kwezibizo eziziinjongosenzi.

Umzekelo: pheka
Usisi uphek<u>el</u>a <u>abazali</u> <u>ukutya.</u>
Usisi uphek<u>is</u>a <u>uNono inyama.</u>

Zama ezi zenzi: phaka: (-is-) thenga (-el-) (2)

6.2 Sebenzisa amagama amkelekileyo esiXhoseni endaweni yamagama abhalwe ngqindilili kwizivakalisi ezilandelayo:

Masivaye Thiza mfondini, ndiyayoyika mna intolongo.
Mpintshi yam! Akuyazi indlela ekumnandi ngayo kum. (2)
[4]

UMBUZO 7

7.1 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ngokwamagatya ukhuphe igatya eliyintloko nelayamileyo, uze uchaze ukwalamana kwawo ngolu hlobo:

INANI	IGATYA	UDIDI NOLWALAMANO
A		
B		

Abafundi abasebenza nzima baziphumelela lula iimviwo zabo. (4)

7.2 Qwalasela eli qweqwe lemagazini uze uphendule imibuzo elandelayo:

[*BONA*, April 2008 Xhosa]

7.2.1 Chonga isihloko esibonakalisa isenzo esingaqhelekanga. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

7.2.2 Kungani ukuba ixabiso lale Magazini libhalwe ngefonti encinane? (1)

7.2.3 Isihloko u – ZUZA sibhalwe ngefonti enkulu kunoko kuthenjiswa ngako. Ingaba yintoni isizathu soku? (1)
[8]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70